BANGABA banceda kwa Ipepa lendaba labo abantu bakowetu ukuti, xa basukuba benento abaiuna uku zitenga, bavelele, ngangoko banako, kuzo zonke indawo Ivenkile ezimpahla ihlokonyiswe ngezaziso kwi " Mvo." Kungalilungelo nakubo bengayifihlanga lonto kubanini-venkile.

# UNYULO

# Lweye Ngwevu.

## IZIMVO

ZIKA

# MR. GRAY.

Kwa Bantsundu abemi kwi ziqingata zase Qonce, e Monti, e Komani, e Cumakala, e Qumra, e Gqili, na pesheya kwe Nciba.

Kwakamsnyane kuzakubako unyulo lwamalunga e Ndlu ye Ngwevu yeli lase Kapa. Ndite ndakuba ndiceliwe ukuba ndibe ngomnye wokuza kunyulwa kubo ndavuma. Niyandazi kakuhle, kuba ndazalelwa kwelilizwe, ndakulela kulo. Ukuhlala kwam kukunga amaxesha onke ontsundu nomhlope bangazuza ubulungisa njengemfanelo, ekute ngenx' enoko kwada kwavela amanye amagwangqa ati wona andingetunyelwe e Palamente, kuba ndibatanda kakulu Abantsundu. Okwam ukubona ndingakugixa ngoluhlobo : —

Ngendlela ezininzi ndifumana okokuba imiteto emidala ya Bantsundu abebezipete ngayo ngati yeyona yayi balungele kwimeko abakuzo kunengeniswe li Ngesi, nakuba kungasekwaluto ukuma kulo ndawo. U Rulumente angelemisa ngokuqinisileyo kwa Bantsundu ngenxa yomntu wonke—oko kukuti makazinike inqgalelo indawo ezininzi ezingabo, kuhanjiswe imiteto eyakuti imncedise ozamayo ozolileyo, nokuteleyo. Ukuba Abantsundu ngokwabo bayafuna ndiya kuwuxhasa umteto wokwala ukuba atengiselwe Utywala. Ngokwam lengxinano yandayo kwilali za Bantsundu yeyokutintelwa kuba lonto iyababhuxula abemi bezondawo ngakumbi.

Ngati mna lixesha lokuba u Rulumente awuqinisele nge tayitile wonke umhlaba omiwe nga Bantsundu, aze kanjalo amise ukuba zitatyatwe, ukuze atintele abantu abangabuye baye kungena. Ukuba boze benyuswe Abantsundu mababekwe mgangatweni mnye na Bamhlope, babe nako ukwahlukana nomhlaba wabo xa batandayo. Ngomqolo wam wonke ndingawuxhasa umteto otintela ama Indiya nkuza kweli, kuba ngabantu abawonakalisiyo umhlaba ngezifo ezitshabalalisayo.

Ukwakiwa kwendlela, nemicancato pezu kwe milambo, ndingakuxhasa, kuba yeyona nto ilincedayo ilizwe.

Ndiyavisisana nelokuba umpesheya kwe Nciba mawunikwe amalungu angapezulu kwalawo unawo okwangoku.

Kungandinqabela ukulibambela ngenqu lonke eli linaba nyuli be Siqingata, endingavuyisekaye ke ukupendula yonke Imibuzo engati ibhekiswe kum kwa nge Mvo ZABANTSUNDU ezi.

Nditemba ukuba ndoxhaswa ngabo bampumelelo, kwakunye neyo Mlungu, isekulaulweni okupilileyo.

G. GRAY.

Graydon,
near Komgha,
January, 1891.


ODDFELLOW'S HALL.

AFRICAN CHOIR,

INCEDISWA NGO

MR. W. E. LETTY - - - - Tenor.
„ J. H. BALMER - - - - Bass.

IYA KUNIKA

IMVUMO ENKULU!

NGEVEKI ZAYO

NGOBUSUKU OBUTATU

E-KING WILLIAMS TOWN

AMACULO ABANTSUNDU,
DUETTS,
QUARTETTES,
CHORUSES.

AMANANI :-4/-, 3/-. 2/-.


*NGE ALMANAK YE "MVO"*

*Abashicileli ababanga nakuwufeza umsebenzi we Almanak ukuba ilungelo ukupuma nepepa le "Mvo" laleveki Seyo puma nelezayo*

*J. TENGO-JABAVU*

## Iveki.

OSE Mampondweni uti lisafile pakati ko Manundu no Mhlangaso. Babambisana ezindle, bayatshisana. Liyapitizela pakati kwabo.

IGUSHA zikolisile ukufa kumandla wase Nyara yicesine,

SIYAVUYA ukuva ukuba u Mr. Chas, Rose-Innes uqubela empilweni,

NGOLWESI Hlanu Iweggitileyo apa e Qonce kuble ingozi embi kamashini kwisimiti sika Mr. Burgess. 1 Jenneni elingu Pfahl lishunqulwe kanye isandla esihlahleni, ate akusikangela amagqira abona ukuba makanqunyulwe ngasentla ukuze apile. Ivakele indoda isiti ngelirara: "Azi iyakuba yintonina intsapo yam."

IHOTELE eyi Willow Grove o Johannesburg itshe yenqu ngolwesi Ne.

INQANAWA efike ivela e England ngeveki eggitileyo ifike nendaba ezalata ukuba ishiye kufun' ukuti kupambane ukuteta pakati kombuso wama Ngesi nowase Amerika, ngebango lemfanelo zabalobi benyamakazana ezibuntini ekutiwa zi *Seal* kulwandle iwase Behring. Ipakati lama Ngesi libeselilenzile olalo lokugqibela ukuba liyakuwakusela amawalo; kwaye kuvakala ukuba umbuso wase Amerika ulungiselela inqanawa, kwaye kuko ezase Russia ezibonwe ngase Siberia ekutiwa ziyakunceda ama Amerika anqanawa sezise San Francisco. Kuko inteto yokuba kuko imvisiswano pakati kwama Ngesi nowama Jermeni umbuso ngalomcimbi.

KUTIWA umcancato kaloliwe Norvalspoute uyakulingwa ngo 10 February.

AKANDULUKANGA e England ngolwesi Hlanu lwegqitileyo u Sir Gordon Sprigg ngokubanjezelwa ngumcimbi ongezibuko lase Walfisch Bay, apatiswe igunya ngu Rulumeni ukuba avisisane namapakati Enkosazana kwanama Jermeni ngalo,

KWA Daliwe ute u Mr, Gray kumafama uyakumela ukuba imihlaba yonke yabantsundu icandwe, banyanzelwe ukuba batabate itayitile. Kunjalonje makungabiko migqaliselo yokutengisa komhlope nakontsundu, mabatengise ngokutanda ngayo; baye beya kubehle bahlukane nemihlaba yabo amafama afumane abasebenzi. Emva kwalenteto siti ungumchiti womzi u Mr. Gray.

UCINGO oluvela e London luxela ezokubhubha ko General Sir Leicester Smythe, obefudula ongamele imikhosi ye Nkosazana e South Africa ehlala e Kapa, ngolwesi Tatu lwegqitileyo kulowomzi.

ABAPATI be Gill College e Somerset babhunga ngokwaka ipiko lesosikolo sikulu sabamhlope ekuyakungenwa kulo ngamadodana aye ngemfundo kona.

KUMKE ikari nomsinga nge Sabata engapaya e Langspruit ngase Somerset kwindlela evela e Middleton ebino Rev. Harry H. M. Withers, no Mr. T. Dawes nendodana entsundu. Ibhukuqekile yabahlanzela emanzini, abebekwele basindisiwe kwangumfundisi ote kanti uyakwazi ukudada seyingamangxashi-ngxashi.

KUDUBULE umngxuma wamalahle e Pennsylvania kwelase Amerika ngolwesi Bini lwegqitileyo, kwafa ikulu linamashumi mahlanu abantu,

INTETO yokuba u Sir Langham Bale uzakupumla ekongameleni imfundo iyabuya iyavuka; ngoku kutiwa angapumla ukupela kwesiqingata sonyaka ngo June,

U MR, HOFMYER injoli yecala lama Bhulu kwezombuso utumele incwadi ebukali kwelakowabo ihlelo, ukuba kungabiko Bhulu liyakuvotela nalipina inene kolugqatso ngapandle kwalatwe nguye, Kwenjiwanjalo ukupangwa kwe nkundla njengokuba kumiswa ibandla elitsha! Tshe he! Nipina mabandla akowetu, Kungasali nejingxela ngo 3 March ukuya kuvotela awelenu icala amadoda u Pikoko, no Bradfele, no Rojas, Amacebo ngalamadoda singaninika niwafuna.

KUKANGELWE e Natal ukufika komkombe ongu Pongolo oza na Makuli a 201.

U CAPT, VELDTMAN kwincwadi ayitumele ku Sir Charles Milla ongamehlo e Koloni kwelama Ngesi, wazise ukuba uzakuke ahambele e England " ukuya kubona izindlu nomzalikazi wazo zonke izizwe zetu, Inkosazana,"

E KAPA kubanjwe intwazana enxibe fanelekileyo engu Catherine ngetyala lokugqoboza ibe kwivenkile ezimbini, Isapicotwa ngamatyala emantyi into leyo.

ICEBO KU DODANA. — U J. R. wase Bloemfontein oti igama lake lingapantsi emagameni ubhekisa kubafana lamazwi pakati kwamanye:—Nditi abafana mabapulapule amadoda amakulu, ukuze bafunde ukuhlala kweli lizwe, kananjalo basinde engozini. Ukuba amadodana ayafuna ukwazi lento, ndingawaxelela ngamanye amaxesha.

IMVO ZABANTSUNDU
NGOLWESI-NE, FEB. 5, 1891.

### U MR. SAUER KOMZI.

YINTO eyakuvakala kamnandi kunene kumawetu amele indawo ezikufupi ne Qonce ukuva ukuba u Hon. J. W. SAUER, ukupendula isicelo socingo wenze izwi lokuba uyakuvuyiswa kuhlangana nomzi wakowetu. Lixesha angekalimisi ngokute nqo ; kodwa ukangele ekubeni abe kulomzi wase Qonce mayelana nolwe 15 February. Kakade akubonakali ndawo yimbi ilungileyo abengahlangana kakuhle nontsundu umzi ngapandle kwesikolo sakwa LOSE Pantsi-kwa-Mahlati. Esingati ke maulale pezu kwentonga umhlambi, ulindele isaziso esolumisa olona suku. Lixesha eli kube kukangelwe u Hon. P. F. FAURE ukufeza idinga lake lokupinda ahambele lemimandla. Akubonakala kufika, kwaye kungasavakali namareshenga okuba uyeza. Kusiza u Mr. SAUER nje, kokona kuza inene oyakulamkela ngentliziyo ezivuya nangapezulu, kuba uzakudibana nonqubo o Palamente isoloko yachana umxhelo wontsundu leminyaka. Uwamele ngobuciko nangozingiso amalungelo etu bamnyama lomnumzana usayo ukutabatela kwixesha awangena ngalo e Palamente ngo 1874, nakuba ezekuvelela ngexesha lemipu oko abesibuzela ngentliziyo nangomqolo —emi kunye nabafo bo SOLOMON, no IRVINE, nabo MERRIMAN. La asingawo amadoda abengawa pantsi embekweni kulomzi wakowetu; enangoku ubufanele ukubonisa ngako konke umzi ukuba kufika osenyongweni yena umhlobo. Ingqushwa, nama Dike angako mhlaimbi kuba engasakuba nalimbi ituba lokumbona. Sinenkolo kwa kona ukuba angako namanene atile kula eselugqatsweni lwevoti, ngoku kodwa anjengabahlobo baka Mr. SAUER, esaziyo ukuba unolangazelelo olushushu ukuba utume wona umzi o Messrs. PEACOCK, BRADFIELD no BOGERS, esingatandabuziyo na manye afuna ivoti zetu angaseselelela ngakona. Ukusuka e Kapa uya kusinga kubanyuli bake e Alvani, apo ayakufika abalise indaba. Koba ngabom engatanga gxada e Herschel. Kusekubuyeni kwake kwelo ayakusihambela. Siya kuvuya sonke ngamana wandlela ntle.

### I BANDLA LE NGWEVU.

OLONA ludaba lukulu lwelixesha lolungomcimbi omkulu wokumiswa kwe Bandla lesibini lase Kapa elipete eli lizwe lonke. Eli Bandla linyulelwa ukuba lipate iminyaka esixenxe. Kupele lominyaka ke njengokuba ilixhapeshu nje kulo lonke kunyulwa. Ukumiswa kweli kunje :— Lonke elipetwe e Kapa lahlula-hluliwe, lenziwa iziqingata ezisixenxe. Isiqingata esinye sabelwe ukuba situmele— ngevoti—amadoda amatatu. Ufike umvoti ngamnye wanikwa kwa ivoti ezintatu anokwenza akutandayo ngazo. Angazinika umntu omnye zontatu ukuba kuyabonakala oko kuye, mhlaimbi anike omnye zibe mbini omnye amnike ibenye Izitili esinento nazo tina bantsundu kwezi zitili zisixenxe zitatu kupela : sesase Mpumalanga (esiquka iziqingata ze Koloni ukusuka e Qonce ukuya e Mzimkulu, kususe e Monti kubhekise e Aliwal North nase Herschel); sesase Mantla-Empumalanga esimazantsi aqala e Bhofolo kuse e Somerset East, sinyuse sibhekise e Colesberg nase Bhekesdorp ; nesa Mazantsi-Empumalanga esi sitabata e Dikeni nase Ngqushwa siyekuma nge Humansdorp nama Jansenvile. Yiyo lemimandla mikulu ke emelwe ngabantsundu, baye kuyo beko abangabavoti, esitembayo ukuba oku kuchaza koba luncedo kubo. Xa ngaba kuko into eseleyo esite asayicacisa sihleli situmekelela ukuyilungisa. Umhla wovoto ungo 3 March.

### Unyulo ku Mazantsi-e-Mpumalanga.

AMAWETU amele imimandla yase Dikeni nase Ngqushwa, namele i Bini, i Minyama, i Bhai, i Tinara, nama Humansdorp kwana-Jansenville, singa singawavusa. Kufuneka bonke abangabavoti eqondile ukuba kubanjenwe ngazo bukali yimpi kwezo ziqingata sizikankanyileyo. Isizatu kukuba izilumko ezinga ma Bhulu zifumene imfihlakalo yokumiwa kamnandi kwalomzi wakwa Nkosazana. Lomfihlakalo yile sahlala siwuqondisa yona umzi wakowetu—ukuba uzamele ukwensa likulu e Bandla iqela lamapakati angawoluvo lwetu Bantsundu. Ama-Bhulu onke azimanyile ukuba akufeze okungafika eyimbumba ekunyuleni; aye ezamela ukuba ayihlute kwezinye izizwe Inkundla ibe yeyama pakati okutanda kwawo ipela. Oku selekufezile kuzo zonke indawo akoyo kuzo ngokugqitileyo kwezinye izizwe; azama ukungenisa awawo amadoda ke nakwindawo ekwaziwayo ukuba zimelwe ngaba ngengawo ama Bhulu. Yiyo lento ke namhla kubanjenwe ngevoti kwizitili esesizikankanyile. Kulomandla azamela ukungenisa umntu omnye. Afike abeka pambi komzi u Mr. BELLINGAN aya kulinga ukumngenisa ngokuti zontatu ivoti anazo owase ma Bhulwini azifake kwelika Mr. BELLINGAN igama. Mabandla akowetu niyazi ukuba asinakaya tina ko BELLINGAN abo izimvo ahamba ezivakalisa azixeli lungelo kuti ngendlela zonke. Umzi oma Ngesi ube uzamela o Mr. WILMOT, no Mr. DOLLEY no Mr. BRISTER. Ngamadoda ke lawo azimvo singazitandabuziyo. Ubunga wonke umzi okwesi siqibi ungashukuma ngomhla wevoti (3 March) uncedise ngevoti zawo ko Mr. BRISTER, Mr. DOLLEY no Mr. WILMOT, uyakuba uzinceda ngokwawo.

### U STOKWE.

SINGAVUYA ukuba ubo uhleli ucwabile umzi wakowetu omele i Nxukwebe ne Bhofolo; ose Nyara nase Somerset; e Cradock nase Metele; e Colesberg nase Bhekesdorp, ngecala levoti. Ama Bhulu asebenzela ukuyihluta Inkundla ibe yeyawo odwa, ukuba azokumisa imiteto etandwa ngawo. Imiteto etandwa ngama Bhulu uyazi wonke onengqoudo ukuba ayinalo nelingangentloko yenaliti ilungelo kumntu webala elimnyama. Nati, njengokuba sinazo nje izixhobo zokuwalwa ama Bhulu—izixhobo zokumanyana ngevoti ekunyuleni amadoda ayakuchita amasheyi ama Bhulu—masingalali. Makuzanywe ngumzi ngamandla onke ukuba apo sinako singenise abayibona inyaniso

ngendlela ebonwa ngayo siti. Kumjikelo wase Mantla Empumalanga ama Bhulu agobo umqolo nedolo ukuba azihlute zozitatu izihlalo e Bandla ezilunge nesisiqingata. Ngokunjalo azimisele ukuwa evuka namadoda amatatu — u VUNATI (Mr. WIENAND), u Mr. VAN DEN HEEVER, no MIRO (Mr. MICHAU). Umhlambi ongangi eli lingapatwa ngemiteto ebonwa ngama Bhulu icele, yasondeza umfo ka STOKWE onobuhlobo ngakumalungelo etu bamnyama. Siyaleza u Sir HENRY STOCKENSTROM kumzi obavoti wakowetu ose Nxukwebe, Empofu, e Nyara, e Somerset, e Cradock, e Metele, e Colesberg nase Bhekesdorp ; mazitshone kuye zozitatu izikoti eninazo, kuba kungeko wumbi ozifaneleyo koluluhlu ludweliswe ngama Bhulu.

### INTLOKO YEMBILA.

IMVO azibeke pambi kwabavoti abantsundu bezitili zase Mpumalanga u Mr. GRAY zinendawo ezaneleyo ezivakala mnandi kangangokuba abamaziyo bafun' ukuti bakanyele ukuba zezake. Umzi sekumzuzu uyisebenza lento iyivoti —asiwulindele tina ukuba ungaba usenobuntwana bokupazanyiswa zizimvo ezibusi eliti inene elifuna ivoti lizidwelise mhla linga linganyulwa. U Mr. GRAY, njengokuba epambi kwabavoti, uya kukangelwa into abeyiyo ngakuti ngexesha abengasekeleze zivoti. Ngabamaziyo abangabalisa ngamabala ake amahle. Tina simazi engummeli wamalungelo abantu bakowabo, ngokukodwa awamafama, asimazeli kuba angazikataza ngati apo ilungelo lefama elimhlope litsalela kwelinye icala. Kwanakule nteto ayidwelise kwelipepa unendawo ekubonakala ukuba usasikota esixatula. Lendawo ati mabanikwe itaitile abantsundu abangati bakululeke ukuba .bawunike nabani ngokutanda umhlaba, siyibona ilisheyi lokuba umke nabamhlope umhlatyana ezingaba zisenawo izizwe zakowetu. Abasincedayo ngabaluvo lunjengolwala manene matatu siti sibona kunyulwe wona tina, abati makubeko umgqaliselo ukuba ungatengiselwa bala limhlope umhlaba olunge nengqili zamawetu. Oti ubani makenze akutandayo ngawo uteta ukuba uginywe ngabamhlope abangateni nentlalo yetu. U Mr. GRAY kwintlanganiso zabakowabo uti kulungile nokuba uhlutiwe kokona kuya kulungelwa amafama ukuba afumane abasebenzi abangasenamhlaba. Ngati elinene lisinika intloko yembila. Mabalumke ke abavoti. Kwintlanganiso yakwa Daliwe ute uyakumela ingcapukiso yo Nobhala ukuba iqutywe. Zonke ezizinto azimalati eyindoda engasiwa siti e Bandla ukuba bube sesandleni sayo ubom betu iminyaka esixenxe. Simi asijiki kwelikakuba ngokuwazi kwangapambili, kungeko matuba atandabuzekeyo kuwo, amadoda okutenjwa ngowakowetu umzi kwesi sixenxe sidwelisiweyo ngo Messrs PEACOCK, no BRADFIELD, no BOGERS.

## Impawana.

INTLANGANISO YE VOTI

E MONTI, ngolwesi Tatu lwegqitileyo kwaye kuko YE intlanganiso enkulu ya Bamhlope ukupulapula amanene angeneyo kulomnyhadala wevoti yenkundla ye Ngwevu. Abeko onke ngapandle kwama Bhulu omabini o Messrs, de Wet no van Heerden. Intlanganiso, esaye siko nati kuyo, ibe yeshushu, ngokuti amanene ango Messrs, Baker no Malconaess angatandi ukubona omnye wawo u Mr. Peacock esondezwa kumawonga e Bandla. Abawujikanga noko umzi wase Monti obonise ngendlela zonke ukuba awuzinikele ukubapulapula o Messrs, Baker no Malcomess.

IMVO ZIKA MR. BAILEY,

ULUVO luka Bailey, alutyile ngesi Ngesi apa esibange intloni, lufike lwazahlula kolwamanye amanene ngokumela amalungelo otywala, ate esitsho waye ezixela ngokwake ukuba unyuswe kutengisa ngabo, ute ubengabupitikezi nazinto noko, Ute akutsho bapelelwa ngamandla abaxhasi bake o Messrs, Malcomess no Baker kuba bebenga akangesetyantsula esenjenjalo, nakuba kube kubonakele kwababawaqondayo amatshoniselo kwinto zevoti ukuba abamcelileyo ukuba angene kumnyhadala ngabo beqela labelungu benkanti, Emva kwalentlanganiso kubonakele nalapa e Qonce ngati liyancipa iwowo ebelingati liyamlandela,

EZIKA MR.GRAY

EZIBAMBE ngokuti zifane nezamanye amanene, ziyokuba zodwa kwindawo yocando lonyanzelo oluya kubanga ukuba emzuzwini ahlukane nomhlaba ontsundu ukuba azokuba sicaka sefama. Siyixoxile lendawo komnye umhlati. U Mr. Gray akazifumanelanga balandeli kulentlanganiso, Asimfo unambizane nangezimvo nangezinye indlela, akumangaliso ukuba abo akanabalandeli baninzi. Akuko nasekumlinganiseleni kwabangangenayo.

ISITATU ESIVANAYO,

IMVO zo Messrs, Bradfield, I Peacock no Rogers zintonye zona, etywaleni, emhlabeni nakwezinye izinto zaye zizimvo ezidla ngokuvakaliswa kwintlanganiso zamawetu, Sipaule ukuba ngobuciko kulentlanganiso kuvelele umfo ka Rogers, watsho yamtanda impi kangangokuba namhla kuvakala ukuba e Monti kwabamhlope ivoti ezininzi ziya kuba ku Mr, Peaeock naku Mr, Rogers, Eso sipitshi siftin' ukungati sisebenzi njenge gwele entlameni nalapa e Qonce, Umzi waba Tembu mawubulele u Faku (Col, Griffith) ngokuwufumanisela idinga kuwo onke amanene ukuba akasokuyivumela into yokuba i Glen Grey bayahlutwe abetu.

IKWAYA YASE AFRIKA

ABAVUMI abaqeqeshwe e Kimberley, abahambela AFRIKA, imizi yale Koloni ngoku, batabate igama lokuba bay! " African Choir," Iyanconywa kwindawo asebeke bazihambela imvumo yabo. Ngeveki ezayo baya kuwuqala umsebenzi apa e Qonce, esingatandabuziyo ininzi impi eyakuke ibalunguze, ibeve becula, igqibe kweggiba kulo mayelana nokumela igama lama Afrika pesheya. Kube luvuyo kuti ukuva ukuba amayeyeye awayebaliswe ngumbhali wase Kimberley " Umveli Bazali " ngokuhlutwa ngamandla kwabavumi ngamanene apete elibuto, awanasiscko sanene; engati nombhali walonteto uyakuba sentetweni ngento leyo. Singatanda ukuva inyaniso ayiseke kuzo inteto yake.

Sifumana ukuba incwadi eyabhalwa e Barkly West ngento ze Lizwi, pezu kwegama lika " John Tshinga " itunyelwe ngobumenemene kuti, litshinga elibhale igama lommi welo lase Ligwa. Yangena singatandi noko inteto leyo, sinqena ukugxokwa ngenteto apa obolileyo yokuba IMVO iqutywa ngekete. Sinovuyo ukuhlokomisa ukuba lomntu ubhale lenteto uzibizo ngegama lika Mr. John Ntshinga, ongeuanto nenteto ye tshinga elo libhale egameni lake. Lento kokwesibini isenzeka. Kwakutsha nje kufike inteto embi ivela kwa Komani, esingabanga nakuyingenisa ngokubola kwayo, ibhalwe ngoti ungu " Mr. Lutu." Safumana inteto koyena mninigama eti akayazi lonto. Ababantu basazakuzifaka kwinkatazo—ne nkatazo iyenduna ngezizenzo zobumenemene.

U Dr. J. Fehreen wase Cradock ubepambi kwamatyala ngolwesi Ne lwegqitileyo ngokubeta ngamanqindi elinye igqira u Dr. C. Grobbelaar. Udliwe isihlanu seponti esinesheleni. Pambi kwamatyala ufunyenwe enesitandatu sabantu ake wafikelela kuso logqira kwangayo lendlela, awasondezwa ngapambili ngababini. Kakade isibonakalo samanene amabini esidlangalaleni ngomsebenzi woluhlobo asibanga sesihle.

U Rev. J. Manelle usipete gadavu komnye umhlati ngokusuke IMVO zibonakale zingati zikhusela ama-Kaya Abantsundu ancholileyo, nangakunyamekele ukulungiselela abahambi. Sinosizi ukuba abe usive ngolohlobo u Maneli Manelle. Kumanqaku eke sawabhekisa soyiswe yinteto sibe silinga ukunceda kwa umzi; sijouge kwi nkalo yokuba kunganzima nangapezu kokuba kunjalo ngoku kubahambeli ezidolopini xa kufe kwanalamaxobongwana ama Kaya Abantsundu esingawancomiyo ngokungafezeki kwawo. Kwaye ukulibalula ngogxeko Ikaya elitile ikukulihluta amandla ukuba libuye libe nokuzilungisa.

Asinakuba singabaveli abahambi bebala ubati banyanzeleke ukuba balale ezidolopini; kuba kungekanye, kunge kabini kanjalo, mhlaimbi kungapezulu nasesitatwini, um'bhali wezi Mpawana ebasenyanyeni ngokusweleka kwamatyolo okunyatama anjenga makaya. Okunye waka walala ekiliveni pandle ngakwi hotele yase Melkrivier ngase Rafu kwelipakati. Kona apa e Qonce waka, ezele izamaneshoni, wada wacinga nzulu ngokuya kufuna imingxuma yentini noxam elugudwini lomlambo ngokuswela indawo— elandulelwa ngabebazi nangabengabazi. Kwatyapa ukuba kubeko u Mr. Enoch Booy, obesaziwa ngobu *Astronomer* (ubulumko bokwazi ngenkwekwezi) ngabalesi be *Sigidimi* ngezomini. Azi waya ngapina unkomo? Kwesi sikati wayeziva lom'bhaleli ukuba augakuxolela ukujavuzelisa nakumakaya angarorelekayo. Qonda, kunjenjenje, sizele mome sona isipaji yimali kungeko hotele iyifunayo.

Ipepa lase Komani liti itreni zololiwe weli lase Maxhoseni zicota ngangokuba ngenye imini yafunzelwa ngumatiloshe owaye nomlenze womti, kwabambana ukuya esteshoni kangangokuba bade bavele ngentloko ababekwele etrenini; angawayeshiywe kwabanda uloliwe ukuba angafelwa usizi ngumfo womlenze womti.

Kufunyenwe ukuba into eloyisayo ilangatye le palatine lubisi. Mhla yafunyanwa lento isicakakazi sabhukuqa isibane salamafuta, suka lahamb' apa ilangatye! Ite ilapa yaye ingapa izama ukuwucima lomlilo ayanceda luto; ide kulongxakeko yaqubula nobisi ebilupekile yalugalela—ukuze ucime. Seko ??? lingwa linenekazi elayivayo into ??? yanceda.

Sipawula ukuba eyona nto inkulu atunyelwa yona e Palamente u Mr. Bailey wase Komani kukuya kumela amalungelo otywala. Utshilo kwintlanganiso ebise Monti. Akufuneki nanteto yakuwuvusa umzi ukuba unyawuke, ubete kude nendoda yolohlobo.

Umteto we Bhula uhanjiswa gadalala pesheya kwelama Ngesi. Kumatyala abeke apambi kwe Jaji yomandla we Chichester, ifama elingu William Upton lidliwe E100 kuba lingazisanga ukuba igusha zalo zihliwe yibhula, laza aladipa. Beke ladliwa £50 kwiveki ezimbini ezandulelayo.

Into yokuba u Mr. Bailey umela abatetelela intengiso yotywala ibifihlwa. Ivela kwakudweliswa amagama abamcolileyo ukuba angene elugqatsweni lonyulo—ukuvelela kwabembumba yabatengisi botywala. Ate naye akubuzwa ngabo e Monti, kwintlanganiso ebiko ngolwesi-Tatu lwegqitileyo, akaboni ukuba umntu omnyama angabi nankululeko injenge yomlungu ukuba ayitabate iglasi yake.

Mawuyiqonde kakuhle umzi ukuba lenkululeko kutetwa ngayo xa kukumatuba okubulawa komzi ngeramncwa, kodwa ababahlobo betu ngamalungelo otywala, kuti kwakufikwa kwinto ezinjengokusikwa kwetu evotini, ukuhlutwa kwamawetu imipu, kwanamanye amalungelo entweni zombuso, babe ngabachasi abakulu bamalungelo etu. Sivuya kuba kungeko namnye umntu ontsundu onawo nomncinane umcamango wokuvotela abantu abanjengo Mr. Bailey. Ngapaya Koku simfumene engayifanele i Palamente kuba uti akusiteta isingesi asapule kupele itemba ukuba kungabuya kubeko into esiso.

## XALANGA.

[NGU- M'BHALELI WETU.]

INQHOLOWA.

Imvula ziyana tina apa akuko mini ipakati, ingqolowa sonakale yirusi, abanye sebofaka umlilo kuyo; sonakele isivuno setu esihle.

IKARITI.

Kuya kulungiselelwa tina apa imali ye kariti, kuba ute u Rulumente masirole imali kuqnla ukuze unocanda apume acande, manditi izibonda ziyapangelelana ukuhlanganisa imali ebantwini bazo, ngowoshiywa kutengiswa inkomo, igusha, ibhokwe nokutya. Wakulumka mfanandini wase Ndwana ungasali ulibele zipesika njalo ; ngati i Cala seliyakupumelela, uz' ugcine u February angafiki.

OFUNA UKUTENGA.

Yinyaniso na Batembu ukuba kwakulo mhlaba nifuna ukuba u Rulumente anicandele kuwo imokolo kuko umlungu ofuna ukutenga indawo ? Makungabi njalo ba Tembu bakuti, siyakulindela ukuba sive ukuba lonto niyichasile, ngokukodwa (ibuloko) epetwe ngu Mr. J. Ngcodo, kuba siva ukuba londawo ifuu' ukutengwa ikuyo, singavuya ukuba kanjalo kuncediswe ngabanokuqonda aba Tembu, izibonda, abafundisi; sitsho kuwe mfo ka Dwane, kuba kambe nolucando luko nje kungenxa yemi. zamo yako, kuba beluselufun' ukuti luduke.

## *UVIWO LO TITSHALA E NATAL.*

Oluviwo lwaqala nge 9th kwada kwayi 11th December e Edendale. Ezinye izikolo zaluhambisa ngemini ezilandelayo. Isinala ezazitumele kulo zezi:—St. Alban's College, Maritzburg, Edendale College ne Amanzi. mtoti College. Udodana nentombi lwaluviwelwa i First Class, ne Second Class, ne Third Class Certificates. Ababengone babe 33. Lamagama alandelayo ngawapumelela. yo:—

FIRST CLASS.

Naphtali Gale, Edendale College.

SECOND CLASS.

1. Jeremiah Mongadi, Edendale College; 2. Michal Kumalo, Girls' School Edendale.

THIRD CLASS.

1; Henry C. Matiwane, Edendale College ; 2. Leonard E. Nkosi, do; 3. Alfred Jas. Tshangana, do; 4. Zechariah Keswa, do; 5. Philemon Kunene, do; 6. Richard Kumalo, do; 7. Job Nkehli, do ; 8. Lydia Mini, Girls' School Edendale; 9. Masala Nyonose, Private Study; 10. Mjanyelwa Ntshange, Amanzimtoti College.—I First Class Certificate umntu imenza ukuba abe nokutabata esona sikolo sikulu apa e Natal i Second Class Certificate iminika esipala ??? isikula, i Third Class Certificate yeyokuba umntu aqale isikula esitsha esisandul' ukuvulwa.—O Messrs. Naphtali Gule no Hana, niah Msimang bazi clerks (onobhala), bobabini bapuma e Edendale College. Owokuqala ukwa Advocate Bale, M.L.C., owesibini ko Advocates Hathorn aud Mason e Maritzburg.

## GRAAFF REINET.

Imvula iyana ngezintsuku kakulu, Inqweba izala yonke imihla,

Izolo nge 20th umantyi ugwebe iqakamba apa eline ukanti ukuba malihlaule £7 10s, ngokutengisela umntwana utywala oyi 11 iminyaka ubudala, Tshotsho lowo ude wakoliswa,

U Mr, Joel ititshala yase Dipende ngati uyanduluka kuzo ezintsuku,

U Rev, Dr, Kotze oza kuvotelwa ngaba ngengabo abe Bond, uya kuhlangana nabaxhasi bake e Town Hall ngolwesi- Hlanu,